URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Brian Le Keur**
ICandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo
Brian.LeKeur@westerncape.gov.za | 021 467 2094

Inombolo yefayili: 18/5/1
Isalathiso: 20241024-7635

ISetyhula: 0033/2024
Umhla wokuphelelwa: 31 Oktobha 2027

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela Balawuli akwii-ofisi zezithili, kwiiNqununu nakooSihlalo bamaBhunga oLawulo azo zonke izikolo zikarhulumente ezingekho phantsi kwesiqendu 21

Isishwankathelo esifutshane: *Imvumelwano (contract) yokuthengwa nokuziswa kwezinto zokubhala.*

**Isihloko: Imvumelwano (*contract)* yokuthengwa nokuziswa kwezinto zokubhala (*B/WCED* 3124/23) ukulungiselela ithuba elisusela kwi-01 Novemba 2024 ukuya kwi-31 Oktobha 2027**

1. Kucelwa niqaphele ukuba le setyhula kuphela imalunga nokuthengwa nokuziswa kwezinto zokubhala.

2. Le setyhula yenzelwa ukukwaziswa ukuba imvumelwano i-*Contract B/WCED* 2875/20 yokuthengwa nokuziswa kwezinto zokubhala, yeSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*) (eyakhutshwa phantsi kweSetyhula 0025/2021, yomhla we-20 Meyi 2021, yaphelelwa ngowe-30 Apreli 2024, yaze yandiselwa ixesha ukususela ngowe-01 Meyi 2024 ukuya kowe-31 Oktobha 2024 ngokweNgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo 0008/2024, yomhla we-25 Apreli 2024, iyatshintshwa ngokwenjenje ngemvumelwano entsha yeminyaka emithathu.

3. ISebe i*WCED* liqukumbele imvumelwano entsha yeminyaka emithathu (*B/WCED* 3124/23) yethuba lowe-01 Novemba 2024 ukuya kowe-31 Oktobha 2027 yokuthengwa nokuziswa kwee-ayithem zezinto zokubhala. Le mvumelwano iya kusetyenziswa zizo zonke izikolo ezingekho phantsi kwesiqendu 21, zii-ofisi zezithili nakwaNdlunkulu weSebe i*WCED*. Izikolo eziphantsi kwesiqendu 21 zingayinxalenye yokusebenzisa imvumelwano nokwenza i-odolo ngqo kubaboneleli-nkonzo abachaphazelekayo.

3.1 **INkonzo (*Service*) 1** inikezelwe **kwi-*Bidtiq* (*Pty*)*Ltd*** yaye mayisetyenziswe kwaNdlunkulu, kwii-ofisi zezithili nazizikolo ezikwezizithili zedolophu zilandelayo: *Central*, *East*, *North*, ne-*South*.

3.2 **IiNkonzo (*Services*) 2 ukuya ku-5** zinikezelwe **kwi-*LBC Multiserv* (*Pty*) *Ltd*** yaye mazisetyenziswe zii-ofisi zezithili nazizikolo ezikwezi ngingqi zilandelayo:
INkonzo 2: *Cape Winelands;*
INkonzo 3: *Overberg;*
INkonzo 4: *West Coast*; kunye
NeNkonzo 5: *Eden* ne-*Central Karoo*.

4. Kubalulekile ukuqaphela ukuba ii-odolo zezinto zokubhala ziya kwenziwa nababoneleli-nkonzo abavunyiweyo kuphela kweli thuba lixeliweyo:

| **INkonzo 1** | **IiNkonzo 2 ukuya ku-5** |
|---|---|
| *Bidtiq (Pty)Ltd*<br>*14 Klawer Street*<br>*Sybrand Park*<br>*ATHLONE*<br>*7700* | LBC *Multiserv (Pty)Ltd*<br>*9 Doordrift Road*<br>*Barbarossa*<br>*CONSTANTIA*<br>*7806* |
| **IiNkcukacha zoqhagamshelwano** | |
| Inombolo yefoni: 021 696 9361<br>Inombolo yeselula: 072 997 5549<br>I-imeyili: ashton@rcsuppliers.co.za<br>Umntu emakuqhagamshelwane naye: Roselie Ann Blankenaar | Inombolo yefoni: 021 794 0411<br>Inombolo yeselula: 082 475 7068<br>I-imeyili: clemi.cedras@gmail.com<br>Umntu emakuqhagamshelwane naye: Clement Cedras |

5. Izikolo ezingekho phantsi kwesiqendu 21 nee-ofisi zesebe kufuneka zisebenzise ikhathalogu eqhotyoshelweyo ukwenza i-odolo yeemfuno zezinto zokubhala zabo zonyaka ochaphazelekayo.

6. Kubalulekile ukuqaphela ukuba ngokwemvumelwano, izikolo zivumeleke uku-odola kuphela ii-ayithem ezikwikhathalogu eqhotyoshelweyo emayisetyenziswe kwizithili zazo.

7. Izikolo ezingekho phantsi kwesiqendu 21 kufuneka ziqaphele ukuba imvumelwano yezinto zokubhala ayizithengisi yaye ayizizisi ii-*printer cartridges*. Ezi ayithem kwakunye nee-ayithem ezingafakwanga iinkcukacha zazo kwikhathalogu, eziquka iphepha lokufotokopa (*copy paper*), kuya kufuneka ukuba zi-odolwe kusetyenziswa ifom i-*WCED* 026, emayingeniswe kwi-ofisi yoku-odola iziXhobo eziXhasa ukuFunda nokuFundisa (*Learning and Teaching Support Material* (*LTSM*)). Ezi ayithem, ngaphandle kwephepha lokufotokopa, elikwimvumelwano eyahlukileyo (makufundwe iNgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo : 0011/2019 yomhla we-18 Oktobha 2019), ziya kufakwa kwisibhengezo-

ntengiso kwimarike evulelekileyo yaye ukuthengwa kweempahla neenkonzo kuya kwenziwa kusetyenziswa iinkqubo zoLawulo lwaBathengi naBathengisi.

8. Izikolo ezingekho phantsi kwesiqendu 21 kufuneka ziziqwalasele yaye zizingenise iirikhwizishini zazo kwi-ofisi ye-*LTSM* zisebenzisa le dilesi ye-imeyili ilandelayo:

   Maziqwalaselwe nguNks Louise John
   I-imeyili: LTSM@westerncape.gov.za
   Inombolo yefoni: 021 467 2345 (ukubuza imibuzo)

9. Kubaluleke gqitha ukuba izikolo zikucwangcise ngononophelo ukumisela ukuba ziya kuzilawula njani na iinkxaso-mali zeMimiselo neMigangatho zazo ukuqinisekisa ukuba abafundi babonelelwa ngezinto zokubhala eziyimfuneko.

10. Kucelwa nazise okuqulethwe yile setyhula onke amagosa achaphazelekayo ukuze akuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-B WALTERS
**INTLOKO YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2024-11-15